



Ikamva-Ukunonophela  
abantwana bethu

Isiqinisekiso 1

**Isihloko sesifundo: Ukoyika uThixo – Imithetho 1 no 2**

# Isikhokelo soMzali

Isikolo seCawa saseKhaya



# Mzali Othandekayo

Wamkelekile kwisifundo sesiQiniksekiso esithi “**Ukoyika uThixo – Imithetho 1 no 2.**

Olu xwebhu luya kunika isikhokelo esingekuphi ngendlela oza kuzenza ngaso isifundo.

**Uzilungiselela usibeke njani na isifundo**

Ngezantsi kukho amanye amacebiso endlela onokusilungiselela usenze ngawo isifundo:

Inyathelo	Omakukwenze
1.	<p>Fikelela kwikhasi lebandla eliTsha lobuPostile ngokufaka okanye ucofe kwikhonkco elilandelayo elisuka kwi-WhatsApp:  <a href="https://bit.ly/3NACSSHS">https://bit.ly/3NACSSHS</a></p>
2.	<p>Qokelela ezi zixhobo zilandelayo ukuze uqiniseke ukuba usilungele isifundo:</p> <ul style="list-style-type: none"> <li>• iBhayibhile</li> <li>• Isifundo esikwimo yePDF esele ilungisiwe</li> <li>• Incwadi yomsebenzi womntwana kunye neependulo, iikhrayoni, njl.</li> <li>• Isiqwana sevideo sisixhobo esongezwayo / sisixhobo esongezelwayo sokuzikhethela</li> <li>• ICatechism nakwiCatechism kwimiBuzo neMpendulo (ngokukhethekileyo kwisiqinisekiso)</li> </ul> <p><b>Qaphela:</b></p> <p>2.1: Elona xesha lifanelekileyo ekufundiseni isifundo kusemva kwenkonzo yakusasa ngeCawa ukugcina inkqubo eqhelekileyo yesiKolo seCawa.</p> <p>2.2: Nceda usenze sigqale kumxholo (sibe sifutshane) kangangoko, ucingele ixesha labo lokukwazi kwabo ukuphulaphula (ukugxila kwisifundo) sabantwana bethu-umazi kakuhle umntwana wakho!          ISikolo seCawa ngokwesiqhelo asidluli kwimizuzu engama-45.</p> <p>2.3: Isifundo seseklasi ngaye (Isiqinisekiso 1).</p> <p>2.4: Nceda unxibelelane notitshala wesiqinisekiso ukuba ufuna naluphina uncedo okanye ufuna nasiphina isixhobo kwezi zingasentla.</p>
3.	<p>Thandaza (jonga umthandazo osekupheleni kolu xwebhu) kwaye ucele uThixo ukuba akusebenzise njengesixhobo sokuzisa isifundo ngendlela ayakuthanda ukuba sisenze ngayo.</p>



# Ukwenza iSifundo seSikolo seCawa ekhaya

## Uzilungiselela usibeke njani na isifundo

Siyaqhubekeka ukwabelana ngamacebi athile ngendlela esinokuthi silungiselele ukwenza isifundo:

Inyathelo	Omakukwenze
4	Dala indawo yokufunda emnandi, engenasiphazamiso apho wena nabantwana nikwinqanaba elifanayo. <b>Umzekelo:</b> Hlalani phantsi okanye ningqonge itafile.
5	Funda isifundo. Phinda ufunde isifundo ukuze usiqonde. Bukela isiqwana sevideo sesifundo ukufumana ulwazi olungcono lwesifundo.
6	Zenzele amanqaku kwiingongoma ezibalulekileyo ongathanda ukuzikhumbula.
7	Yiqonde injongo yesifundo ekufuneka sikhunjulwe ngumntwana wakho.
8	Fundisa isifundo kumntwana wakho.
9	Mbonise umntwana wakho ivideo kwaye uphinde ugxininise kwintsingiselo.
10	Jolisa umntwana wakho kumsebenzi okwincwadi yomntwana (Nam Ndiyafuna uku....)
11	Thandaza, okanye ucele umntwana wakho athandaze ukuvala isifundo.

## Izixhobo ezifumanekayo ngokweSikolo saseKhaya

Nazi izixhobo zokuphucula umgangatho wesifundo:

1. Incoko ka-WhatsApp ngesifundo kunye nolunye usapho olunomntwana okwisiqinisekison 2.
2. Xoxa ngesifundo nabanye abazali ukuze ufumane ingcaciso ngokubhekisele kwisifundo ngaphambi kokuba usifundise.
3. Zive ukhululekile ukwenza olwakho uphando ukumana iinkcukacha (ezongelelekileyo).



## Isifundo

Isihloko seSifundo

Ukoyika uThixo – Imithetho 1 no 2

Injongo yesifundo

Andifuni kumenza buhlungu uThixo kuba ndiyamthanda

## Isishwankathelo sesifundo:

### Intshayelelo

Kwesi sifundo, siza kucacisa intsingiselo ethi "Ukoyika uThixo".

Siza kugxila kwaye sixoxe ngomthetho woku qala nowesibini njengoko wawuqondwa kwiTestamente Endala ngexesha likaMoses nakwiTestamente eNtsha ngexesha likaYesu.

- 1. NdiyiNkosiThixo wakho. Uze ungabi nathixo ngaphandle kwam.**
- 2. Uze ungafumane ulibize igama likaYehova uThixo wakho, kuba uYehova akayikumenza omsulwa, ofumana alibize igama lakhe.**

### Imvelaphi

- Kwimithetho eliShumi, uThixo uthetha nabo bonke abantu .
- UThixo wanika abantu bakwaSirayeli imiThetho eliShumi ngoMoses.
- Iinjongo zeMithetho Elishumi yayi kukufundisa kunye nokukhokela abantu indlela yokuziphatha kuThixo nendlela yokuziphatha ngokunokwabo
- Abantu babenyanzelekile ukuba bazalisekise iMithetho - yayinxalenye yomnqophiso kaThixo kunye namaSirayeli.
- Kumnqophiso emitsha, uYesu wayomeleza iMithetho.
- UYesu wanika iMithetho intsingiselo enzulu waza wasibonisa ukuba luyintonina uxanduva lwethu kuThixo, kuthi nakubamelwane bethu.

### Ukoyika uThixo (ngokunxulumene neMithetho)

- Kumnqophiso omdala, uThixo wanika abantu imithetho njengemigaqo yokulawula ubudlelwane noThixo naphakathi kwabo.
- UThixo wachaza ukuba ziyintoni iziphumo nezohlwayo ukuba le mithetho ayizalisekiswa.
- Uninzi lwabantu ngoko ke lwayithobela kuphela kuba besoyika ukohlwaywa.
- Kumnqophiso omtsha, ukoyiko iNkosi lunentsingiselo enzulu, njengoko kucacisiwe ku 1 Yohane 4:18.
- “Akukho loyiko eluthandweni; kodwa lusuka uthando olugqibeleleyo luluphose phandle uloyiko ngokuba uloyiko lunexhala. Ke lowo woyikayo akagqibelele eluthandweni.”
- Sigcina imithetho kaThixo kuba siyamthanda kwaye siyamzukisa.
- Uthando lwethu ngoThixo ayisiyobonakaliso sokoyika kodwa kukuthobeka nokuthembela kuYe.



### **Umthetho wokuqala:**

#### ***NdinguYehova, uThixo wakho. Uze ungabi nathixo ngaphandle kwam.***

- Uthetha ukuthini lo mthetho kwiTestamente eNdala ngokubhekisele kwabanye thixo?
  - Amazwe awayejikeleze uSirayeli ayenqula oothixo abaninzi (izithixo)
  - Kumthetho wokuqala, uThixo ukwenza kucace gca ukuba nguYe uThixo kuphela, uMdali wezinto zonke kwaye nguYe kuphela uThixo ekufuneka anqulwe yaye akhonzwe.

#### **KwiTestamente eNtsha, uYesu unika umthetho wokuqala intsingiselo enzulu.**

- Usifundisa ukuba lo mthetho awusebenzi kuThixo uYise kuphela, kodwa ukwasebenza kuYesu Krestu nakuMoya oyiNgcwele.
- UThixo waziveza ngoYesu Krestu, ngamanye amazwi, wabonakala emhlabeni: kuYesu Krestu
- Ukunqula nayiphina into okanye nabanina umntu ngaphandle koThixo kukwaphula umthetho wokuqala = kusisono.

### **UMthetho wesibini:**

#### ***Uze ungafumane ulibize igama likaYehova uThixo wakho, kuba uYehova akayikumenza omsulwa, ofumana alibize igama lakhe.***

- KwiTestamente eNdala, uThixo wazityhila kuMoses kwityholo elivuthayo njengo "Yawe" elithetha ukuthi "Ndinguye eNdinguye".
  - AmaYuda ayemhlonela uThixo, engafuni nokuthetha ngegama elithi Yawe.
  - Akwenze oku ngemizamo yokuphepha ingozi yokubiza igama likaThixo kwilize, nokuba babekwenza ngokungazi.
- KwiTestamente eNtsha, abantu kufuneka bathethe ngoThixo benothando nangentlonelo
- UMthetho wesibini usilumkisa ukuba umntu kufuneka agcine zonke izinto ezinento yokwenza noThixo kwakunye negama laKhe elingcwele.
- NjengamaKrestu sinoxanduva lokugcina igama likaThixo lingcwele.
- Silithatha njani igama likaThixo libe lilize?
  - Ukuxhaphaza igama likaThixo (okwaziwa ngokuba lunyeliso)
  - Ukuqalekisa (ukufunga) usebenzisa igama likaThixo
  - Sebenzisa igama likaThixo ngelixa uthetha ubuxoki
  - Ukusetyenziswa ngokungakhathali kwamagama likaThixo, uYesu Krestu, noMoya oyiNgcwele
- Nguwo kuphela uMthetho oqulethe isoyikiso okanye isohlwayo
- IBhayibhile ayisixeleli ukuba siyintoni isohlwayo.

Sigcina umthetho kuba simthanda uThixo, ikungekuba soyika isohlwayo



## Sithetha ukuthini esi sifundo kuthi namhlanje?

1. Sigcina lo mthetho kuba simthanda uThixo.
2. Siyamoyika kuba simthanda, kungekuba sisoyika isohlwayo. Olu loyiko alusekelwanga kukumkwantela uThixo.
3. Ukuthobeka kunye noloyiko olusekwe ekuzukiseni uThixo, ukuthobela yeNa, kunye nokumnqula luphawu lothando lwethu ngaYe.
4. Asilisebenzisi igama likaThixo ngaphandle kokuthetha ngokunyaniseka nangentlonelo kunye naye okanye naye.

## Eminye imibuzo esinokuyibuza:

1. Mangaphi amanye amagama kaThixo owaziyo?  
**Impendulo:** NguBawo, iNkosi, uMdali, uNaphakade, uSomandla,
2. Yintoni esiya kuyenza ukuba siyayoyika iNkosi?  
**Impendulo:** Siya kona kancinci, - siyakuhlala sithembekile kuThixo. – Siyakwenza intando yaKhe. – Siyakulandela uNyana kaThixo kwabo abathumileyo. - Siyakuzisa imbeko kwigama likaThixo kwaye asisayi kulisebenzisa kakubi.
3. Ingaba unako ukucengceleza uMthetho wokuqala ngentliziyo?  
**Impendulo:** NdinguThixo wakho. Uze ungabi nathixo ngaphandle kwam.
4. Kuthetha ukuthini xa sinqula nayiphina into okanye nabani na ongenguye uThixo?  
**Impendulo:** Ziba zizithixo xa – ziye zibe zezona izinto ezibalulekileyo ebomini bethu kwaye zizalisa iintliziyo zethu ngokupheleleyo. – xa siibeka ithemba lethu kuzo. -xa sizinqula kwaye sibengelela kuzo. Oku kunokuba zizidalwa eziphilayo, izinto, izinto zendalo, izinto zokwenene okanye ezingeyonyani. Umzekelo, imifanekiso eqingqiweyo, imali, izilwanyana, imifanekiso eziziqu, amatye, iintaba, iinkwenkwezi, imithi, abantu abadumileyo, abachaza ngekamva, umlingo, ubuSatana, ubugqwirha njalo njalo.
5. 3. Ingaba unako ukucengceleza uMthetho wesibini ngentliziyo?  
**Impendulo:** Uze ungafumane ulibize igama leNkosi uThixo wakho, kuba uYehova akayikumenza msulwa ofumana alibize igama laKhe.
6. Kuthetha ukuthini ukubiza igama leNkosi kwilize?  
**Impendulo:** Kuthetha ukuba sisebenzisa kakubi igama leNkosi. Oku sinako ukwenza oku ngokubiza igama leNkosi ngaphandle kokuqqa. Siyakuthetha oku ngendlela yokuthetha kwethu yemihla ngemihla (Owu Thixo, Nkosi elungileyo), intetho yokungakhathali (Owu Thixo wam!), Xa simangalisiwe yinto, xa sothuswe yinto, xa sivuyayo ngento ethile (OMG!), aa sifunga okanye sinomsindo ngento ethile (Thixo!, Yesu Krestu!)...



**Umthandazo kaTata noMama wokuthandaza ngaphambi kwesifundo:**

*Thixo othandekayo, enkosi ngale mini*

*Sikelela bonke abazali kunye nabantwana*

*Kunga singeva ubukho bakho*

*Sikelela isifundo esiya kuba naso*

*Nceda usifundise sikukhonze njani*

*Kwaye sincede senze intando yakho*

*Ukuze sisondele kufuphi kuwe*

*Thumela uYesu ukuze asiphuthume*

*Kwaye kwanga singakulungela ukuhlangana naYe*

*Amen*



Amabakala abalulekileyo

Amabakala abalulekileyo